
# UNITY IN DEVELOPMENT




# MAY 2010

## OFFICIAL NEWSLETTER

EMALAHLENI MUNICIPALITY
UNITY IN DEVELOPMENT

## IDESKA YOHLELI



EzasEmalahleni igama liyazichaza ukunika ulwazi ngokwenzekayo ku Masipala wengingqi yakho ekwenzeni njalo livuselela ubunini bakho beliphepha ndaba njengo luntu.

Eli liphephandaba apho u masipala aku bhalela ngokwenzekayo ngokwezidingo zoluntu ezibhalwe ngokucacileyo Kumqulu wophuhliso ngokudibeneyo. Le yenye yezininzi inzame ekuzameni ukufikelela kuluntu ukuze ingxaki zoluntu eziselungelweni zifikeleleke. Njengoko ndibhengeza kuni nonke nibhalele umhleli nibonisa amaxhala enu, imbono, kwaneengcebiso. Incwadi yethu yenkululeko iyakuvumela ukhuthi ubenenxaxheba kwezikarhulumente yilonto ke ukhunjuzwa ngolunyathelo lubaluleke kangaka likunika ithuba lonika ezakho iimbono ukwazi nokuphikisa okubona ngokungathi akulunga kwezi ke zakarhulumente.

Iimbono zakho zixabisekile kwaye zizakujongwa ziphendulwe ngokukhawuleza.

Yonwabele
Lt

# IVEKI YETHALA LENCWADI YASEMZANTSI AFRIKA

Umasipala wasEmalahleni uphiwe ithuba lokubamba iveki yeThala lencwadi yePhondo ijonge ikakhulu kwezi ngingqi zilandelayo Qoqodala, Indwe, Dordrecht, nase Mhlanga yaza yadityaniswa nowona mnyhadala mkhulu kwibala laseLady Frere. Le nkqubo ibiqulathe ukuhanjelwa kwa mathala encwadi kuphiswa nangeencwadi ukuqinisekisa ukuba isizwe sethu siyafunda. Isihloko sonyaka sithi "IMFUNDO IYABUGUQULA UBOMI ". Abafundi bazimanye ngokuthatha inxaxheba kwizinto ebezisenzeka ezifana nemibongo, imidlalo, ukuceba noku bonisa indima yabo kwisihloko eso sibekiweyo sonyaka nakwi nkqubo.

USodolophu wasEmalahleni umama uNolitha Lali xa esamkela indwendwe wathetha wenjenje " Siyilindele ngomdla indebe yehlabathi yebhola ekhatywayo". Uqhube wathi kulutsha, eyokuqala kuqala, nilulutsha kufuneka nijonge ukuba niyalinganwa na yiminyaka yenu okanye nibadala kakhulu kuyo. Sukuvuya xakusithiwa umncinci xa uneminyake eyi52 ngoba kusenokwenzeka ukuba ikhona lento uyenzayo eyihlisayo iminyaka yakho. Njengoko silapha ukuphuhlisa imfundo masiwufunde nomgaqo siseko welizwe kuba usisiseko senkululeko yethu.

Umphathiswa wesebe lezemidlalo, inkcubeko nobugcisa umama uXoliswa Tom xa ebenika intetho yakhe yosuku uthethe wenjenje " Njengo Tata ungumvulandlela kwikamva lomntwana wakho, Nilulutsha Nilikamva lethu ngaphandle kwenu thina asiyonto". Xa ebethetha namabanjwa uthe," Owona mgama mde nakweyiphi na imigama emibini ngumgama omfutshane. Ukuba ufuna ukuphumelela hamba uyosebenza". Phila lemini yanamhlanje ngokungathi uphilela imini yokugqibela ngoba awusokuze ukutshintshe okugqithileyo kodwa ungazitshintsha indlela zakho ukubheka phambili.

Lonyaka ka 2010 ngunyaka obalulekileyo kuMzantsi Afrika njengoko ungasoze uphinde ubuye. Kaloku into efana nale yokuba sisingathe indebe yehlabathi yenzeka kanye apha ebomini. Lemini indikhumbuza ngelaxesha amantombi ayengavumelekanga ukuya esikolweni kangangokuba xakufuneka bebhalele abayeni babo babecela abantwana babo ukuba ibengabo ababebabhalela, lonto ke yayibaxutha amalungelo abo, kaloku abantwana babesiva zonke imfihlo zabo, Utshilo uTom.








Ungayincami imfudo de kuthiwe awusekho apha emhlabeni. Kuyimpoxo emntwaneni owenza ibanga lesithandathu kodwa abe engakwazi nokufunda, abafundisi ntsapho mababuyele kwiziseko ezi ngundoqo. Imfundo luxanduva lomntu wonke, hayi elecandelo lezemfundo nabafundisintsapho kuphela.
Imfudo iyabutshintsha ubomi bomntu. Ukuba uyakwazi ukuthatha iphetshana ulifunde ngemizuzu engephi awusafani nakuqala. Isizwe esifundayo sisizwe esiphumelelayo, utshilo

Silisebe sizimisele ukuliphucula ithala leencwadi kulengingqi ukuba sinokufumana ingxelo zokuba elithala leencwadi liyasetyenziswa. Abazali nabafundisi ntsapho mababeyimizekelo kwaye makubekho emisebenzini, nako masipala, amaqumrhu ukukhuthaza abasebenzi ekufundeni.

# UVULO LWE
# HOLO LALE MIHLA

Engqanda kwaWard-12 bekuvulwa iholo elakhiwe ngokwe mfuno zale mihla. Eli Holo lelinye leeholo ezakhiwe ngokwahlukileyo uku nceda kwiingxaki zoluntu ekuhlaleni, njengoko lizakuncedisa ukunika uCeba igumbi lokusebenzela, nama sebe ka rhulumente ukufumana indawo ukusondeza inkonzo elutwini. uCeba uMnu. Zandisile Dyonase xa wayesamkela indwendwe uthethe wenjenje “Ezi ziziphumo zemisebenzi yabazali bethu ezixhanyulwa sithi namhlanje”.

USodolophu kamasipala wasEmalahleni umama uNolitha Lali uthethe wathi “Silapha namhlanje ukuzokuvula eliholo isingcwangciso sokwakhiwa kwalo esaqalwa kwiminyaka edlulileyo. Lo ngomnye weminqweno yenu enayifakayo kwisingcwangciso nkqubo sophuhliso esidibeneyo. Ukugqitywa kwalomsebenzi akuthethi ukuba akukhange kubenzima, kodwa sikwazile kuba besisebenzisana.

Eliholo yaba lelokugqibela ukucetywa kodwa lelokuqala ukuvulwa. Ekuqaleni konyaka xa sasi jikeleza kuwo onke amaphulo aqhubayo kule ngingqi, saqaphela ukuba lizakukhawuleza ukugqitywa. Sizokulivula eliholo ngemini nangenyanga apho sikhumbula khona ubomi buka Thembisile Chris Hani kule ngigqi, utshilo uLali.





# UKUHANJELWA KWE SEBE LEZO LULEKO

Ilungu lase Palamente kwikomiti ejongene nenkonzo zoluleko umama uNomakhaya Mdaka ekhatshwa nguSodolophu kaMasipala wasEmalahleni, uhambele iziko loluleko kwidolophu yase Lady Frere, nephantsi kwengingqi eyaziwa nge Sada elawulwa ngumphathi uMnu. Joyi Mpolweni. Umphathi wengigqi uthe xa esamkela eligqiza “Siyakwamkela sikuvuyela ukuhanjelwa nini njengoko sikubona njengendlela yokufumana ulwazi kwakunye nethuba lokuba nisicebise”.

Ilingu lePalemente uNomakhaya Mdaka uthethe wathi “Intswebeziswano phakathi kukamasipala neliziko kufuneka ingciniwe kwaye iqhubele phambili ingapheli ndisakuhamba”. Kungeniwe ke kwaqalwa kwigumbi lokuphekela ukujonga, apho kwenzelwa khona ukutya kwamabanjwa, nalapho kugcinwa khona. Baqhubeke bangena naseziseleni, nakwi zikwana lempilo bejonga isimo. Kuwo wonke lomsebenzi igqiza eli lalikhatshwa ngabasebenzi besebe eli bephendula kwimisebenzi yamacandelo abo ngoko hlukana. Kwakhona namabanjwa anikwa ithuba lokubuza imibuzo. Eli lelinye lamaphulo ka rhulumente ukufikelela eluntwini, nakumaziko karhulumente.





# UVULO LWE OFISI YE NEDBANK eLADY FRERE

Uceba uMnu. Siphiwe Doni oyintloko kwicandelo elijongene nezemali kumasipala wasEmalahleni uzimase lo msitho wokuvulwa kwe Ofisi yeNedbank eLady Frere. Ebekulo msitho ngokuthunywa nguSodolophu. Xa ebesenza intetho yakhe kulomsitho uthethe wathi “Singu Masipala siyabulela kakhulu ngelinyathelo elibaluleke kangaka nesi kholelwa ukuba liqhutywa ngumoya wentsebenziswano phakathi kwamasebe ka rhulumente, abezoshishino, kwakunye namanye amasetyana azimeleyo, ngokunika iinkonzo eluntwini”.

Esi sisifundo ekunga namanye amashishini angafunda kuso kuba kwindawo ezifana ne Lady Frere, Indwe, kwakunye neDordrecht asekhona amathuba oshishino apho aboshishino bangangena khona ukunceda uluntu lwalemimandla. Kwakhona ke ndiyakholwa ukuba iNedbank njengokuba ivula elisetyana zikhona ezinye iinkqubo zophuhliso loluntu ezakuthi ingenelele ukunceda xa kukhona imfuneko.

“Umongameli welizwe loMzantsi Afrika uwazise lonyaka njengonyaka wokwenza , endikholelwa ke ukuba iNedbank yenza kanye lonto ukuzisa inkonzo apha. Ndinethemba lokuba kuzakuvuleleka namathuba emisebenzi kubahlali balapha” utshilo uDoni.

Njengoluntu sinoxanduva ukuqinisekisa ukuba iziseko ezingundoqo eziziswe kuthi sizisebenzisa kangangoko yaye sincedise nasekuthini zingonakaliswa njengoko zisenza ubomi bethu bubengcono kuba besikade sinyanzeleka sihambe imigama emide sisiya kwindawo ezinjengeKomani ukuze sifumane inkonzo zakwaNedbank . Ukusebenzisa kakuhle ezinkonzo kungancedisa njengendlela yokuthengisa le ndawo yethu nakwabanye abatyalizimali bazokuvula amashishini abo apha.






# IINTSHUKUMO ZAPHESHA KWENCIBA



Umasipala wasEmalahleni ubambe isikhumbuzo sephondo ukukhumbula amaqhawe athi awa ngomnyaka ka 1880-1881 kwimfazwe ezazisakwaziwa njengemfazwe zaphesheya kweNciba (Transkei Rebellion). Ezimfazwe kulapho khona izizwe zase Afrika phesheya kweNciba zazohlulahluliwe ngabamhlophe bezama ukuhlutha umhlaba wazo , ekwathi ekugqibeleni badibana besilwa into ababeyibona njengokufuna ukulawulwa ngabamhlophe.

AmaMpondomise, Amaqwathi nezinye izizwe zabaThembu abafudukayo nabathi balwa kwezimfazwe babesele kubonakala belwamkele ulawulo lwabamhlophe. Iinkosi zabo zazikholelwa ukuba ukhuseleko lwamaNgesi yindlela yokubaleka kwingxwaba–ngxwaba zabamelwane mhlawumbi ngenxa yokulukuhlwa ukuba bababone abamhlophe bengcono ngendlela ababezibonakalisa ngayo.
Kwakukho izizathu ezithile zokuba inxenye enkulu yamaqela aBathembu iye kwezimfazwe nakwimigushuzo ka 1880. Abathembu abafudukayo bawela umlambo Indwe ngomnyaka ka 1860 benethemba lokuba bazakuzimela phesheya kweNciba. Izinto azizange zihambe njengoko babecinga kuba bazifumana sele bengene baphelela phantsi kolawulo lwamaBhunga enkundla ngo 1870.



*Umboniso wemfazwe kaNkosi Stokwe Kwa Hala 1, kuNdonga, eLady Frere*

Inkosi uMatanzima wabaThembu bemfuduko waxelela umlawuli weKoloni ngomsindo wathi, “uRhulumente akathi kum njengendoda ndizakuthatha eli lungelo neliya ndilisuse kuwe, kube ngamanye amalungelo am ethathwa ngobusuku, uRhulumente ngumvolofu”.



# Masimanyane Cultural Project

Eli lelinye lamaphulo ophuhliso awathi aqala ngomnyaka ka 2003 elalisaziwe njengamaphulo ophuhliso iGlen –Grey nawathi axhaswa ngemali ebalelwa kwi R500.000-00, eyayikhutshelwe ukuqalisa ukusebenza noqeqesho. Amalungu amaphulo ohlukaneyo anikwa izakhona ngokuthe gabalala malunga nokuphatha amaphulo ophuhliso eziquka, ukufuya inkuku, ihagu, ukuthunga impahla, ukuhlohla intsimbi, ukwenza izinto zesikhumba kwakunye nokuphatha ishishini.

IMasimanyane Cultural Project yaqalwa ngamalungu alishumi elinanye ethunga impahla zesintu, ehlohla neentsimbi njengondoqo kushishino lwabo. Abathengi babo ngabahlali belali zakwa Hala 2, Cacadu, Ngcuka, Askeaton, Maqwathini, Manzimahle, naseCala.

Ekwasondelene nesebenzisana nale Nkqubo yophuhliso liphulo lolimo elinamalungu angamashumi amathathu ukudibanisa nala alishumi elinanye omthungo. Bayithengisa imveliso yabo ekuhlaleni , kwizikolo ezibangqongileyo kwakunye nakubantu abaye kwiziko lempilo elikulo mmandla.Eliphulo linesidingo semali nokuzithengisa ukuze imveliso yalo ithengwe kakhulu bakwazi ukuvelisa amathuba engqesho.



*Amalungu Ka Masimanyane*





INKCAZELO NGOKUZISWA KWENKONZO ELUNTWINI

# ULWAKHIWO LWEBHULORHO YASEQHOBOSHANA

Ulwakhiwo lwebhulorho yaseQhoboshana lelinye lamaphulo abonisa ukuzinikela kukaMasipala ukuqinisekisa ukufikelela kwabantu kwinkonzo. Yenye yemisebenzi emikhulu esuka kwingxowa mali esisibonelelo seziseko ezingundoqo koMasipala (Municipal Infrastructure Grant) kulengingqi yethu kaMasipala.



Lady Frere Paving and Storm Water



# IPAVUMENTE YASE LADY FRERE NOKUNQANDWA KWAMANZI

Le nkqubo yolungiso lwendawo zokumisa inqwelomafutha kwakunye nokulawulwa kwamanzi emigaqweni ukuwasa kwindawo zokuwagcina yaqala ngomhla wokuqala kwinyanga yesithandathu kunyaka ka2009, yenye yemisebenzi yoluNtu gabalala kulengingqi. Umgama ozakusetyenzwa ungange 1km kumacala omabini endlela kumbindi dolophu. Yenye yendlela zokwenza kuhle umbindi dolophu ukuze imbonakalo yalendawo ibonakale njengombindi wedolophu. Eliphulo lenziwa ngokusebenzisa abasebenzi bakaMasipala abanezakhono besebenza phantsi kweliso lomphathi wabo onobugcisa kulungiso lwendlela, ulwakhiwo nokulawulwa kwamanzi emigaqweni. Amathuba omsebenzi avuleleke kuzozonke izigaba zoluntu ukusuka komama, ulutsha, nabantu abanokhubazeko.

# IZitalato Zesixeko

Umasipala uqale lphulo lokufaka itha (tarred) kwizitalato kwidolophu zontathu zaloMasipala eLady Frere, Indwe kunye naseDordrecht. Kwidolophu yaseLady Frere ifakwa kwezizitalato Mpangele, Sandile neNcacubele, e Indwe ukusuka edolophini ukuya eMavuya nakwilokishi yaseDordrecht iSinako.







Imbonakalo Ye Kloof ngaphandle

# IKloof

Le yindawo entle onokuyi hambela eyakhiwe kumgama oyi 2km ukusuka eDordrecht xa usiya eKomani. Iqhayisa ngobuhle nenzolo yayo njengoko ingaphandle kwendawo ezixakekileyo nengxolo yelokishi. Yindawo eyodwa nekunqabileyo ukuyifumana kwidolophana ezifana neDordrecht. Indawo le iyenye yendawo uMasipala angakwaziyo ngayo ukuphucula isimo sengeniso ekunzima ukuba ayifumane ngenxa yobume bakhe kuba baninzi abantu abaxhamla kwizibonelelo zasimahla.

# Indwe Resort

Le yindawo kaMasipala enikezela ngendawo zokulala evulelekileyo nakuluntu nakuMashishini ukuyiqesha ngemalana engephi. Uhlobo eyakhiwe ngalo lungakukhumbuza mandulo ngenxa yokuba izakhiwo zayo ngoNgquphantsi. Le ndawo ikumgama we5km ukusuka edolophini eIndwe







Indawo Yokuhlala engo Ngquphantsi

# MUNICIPAL OFFICES

## LADY FRERE

Municipal Manager: Mr Nkosinathi Kwepile

37 Indwe Road, Lady Frere, 5410

Tel: 047 878 0020
Fax: 047 878 0112

## DORDRECHT

Unit Manager: Mr Owen Ndyumbu
Grey Street, Town Hall Building, Dordrecht, 5435

Tel: 045 954 31018/7
Fax: 045 943 1966

## INDWE

Unit Manager: Mr Malibongwe Nziweni
40 Fletcher Street, Indwe, 5445

Tel: 045 952 1008/1070
Fax: 086 564 4308

## COMMUNICATIONS

Mr Luthando Nqumkana

37 Indwe Road, Lady Frere, 5410
Tel: 047 878 0020
Fax: 047 878 0112
Cell: 078 286 7769
Email Adress:Nqumkanal@emalahlenilm.gov.za